1. INTSHAYELELO

Inkqubo yokhuseleko loluntu eyenziwa ngamapolisa yifilosofi, okanye indlela, yokuqwalasela uxhomekelelwano kwanokwabelana ngoxanduva phakathi kwawo onke amalungu eNkonzo yobuPolisa yoMzantsi Afrika noluntu ekuqinisekiseni intlalo ukhuselekileyo kubantu bonke beleNtshona-Koloni. Umthetho-nkqubo okhuselayo ufakwe kolona xwebhu lubalulekileyo lweli phondo lethu, xwebhu olo lwaziwa ngelokuba yimigaqo-siseko yoMzantsi Afrika neNtshona-Koloni. Ngoko ke yimfanelo yethu ukuqinisekisa ukuba le ngqikelelo siyenza ibe khona ibe kwayesebenzayo kweli phondo lethu.

2. IGAMA NELUNGELO ELISEMTHETHWENI

2.1. Igama lequmrhu liya kuba yi.....iForum yoKhuseleko loLuntu.
Ngokwalapha kule ngxelo iForum ekubhekiswa kuyo (yiforum ethe emva kokuba imiselwe, nayiphi na iforum yokhuseleko yasekuhlaleni yengingqi inelungelo lokuzithiya igama layo, eliya kubonakalisa lihambelane nesikhululo samapolisa esikuloo ngingqi.)

Le Forum liqumrhu elisemthethweni elinganjonge nzuzo, nokuba lungakho utshintsho kumalungu ayo kungenjalo kulawulo lwayo, kodwa iya kuhlala ungumbutho osebenza ngokuzithandelayo nozinikeleyo ngaphandle kwenzuzo, ngolo hlobo ke iliqumrhu elikho ngokusemthethweni nelixhomekeke kumalungu alo, kwizixhobo zalo, ilahleko edalekayo luxanduva lwalo nemfanelo kwanokumisa iinkqubo ezisemthethweni yingxaki yalo.

2.3. Iimpahla ezingenakususwa kungenjalo amalungelo abhalisiweyo kwimpahla engenakususwa efunyenwe yiForum, ibhaliswa ngegama leForum, kwanayo yonke imisebenzi esemthethweni eyenziwa yiForum zenziwa ngamalungu, iziphatha mandla ne / okanye abameli bayo.

2.4. Amalungu akanalungelo kuyo nayiphi na impahla okanye kuyo nayiphi na into anokuyizuza kwiforum. vela kwimisebenzi yeForum

3. IINJONGO

iForum iya-

2.4. kukhuthaza intsebenziswano phakathi kweNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika noluntu ngokubanzi ngendlela engenapolitiko;

kumisela ikwagcina nobudlelwane phakathi kwamapolisa noluntu, ngokubhekiselele ekunqandeni ulwaphulo-mthetho;

2.6. kuthi ngokwentsebenziswano kunye neNkonzo yamaPolisa ichonge, iqhubele phambili kwanokusombulula iingxaki ezinxulumene nolwaphulo-mthetho, ukungalawuleki, izoyikiso kwanonxulumano oluncinane phakathi kwamapolisa noluntu kwanenkonzo eqhutywayo;

2.7. kukhuthaza amapolisa/unxulumano loluntu ngokuthi kuxukushwe imibandela ebangela ukuba kudaleke imeko yokungaqondani phakathi koluntu neNkonzo yamaPolisa;

2.8. kukkhuthaza uthungelwano phakathi kwamapolisa noluntu;

2.9. kwenza kubekho ukubambisana ngeendlela ezithile zeSAPS ukukhuthaza intsebenziswano ezisulungekileyo nentembeko;

2.10. kukhuthaza kwanokuxhasa injongo nendlela efanelekileyo esasazwa ngayo ingxelo ngeenkqubo zokukhusela.

3.8. kubeka amalungelo oluntu kwizikhundla zenkonzo yamapolisa;

3.9. kuthethathethana ikwasebenzisana nalo naliphi na iziko elikurhulumente wengingqi, ukunika inkxaso

3.10. kukhangela ikwahlola inkonzo yamapolisa kuquka no-

- kwenziwa, ukumiswa nokuqeshwa kwabasebenzi besikhululo samapolisa;
- kuphula-phula nokwenza inkqubo yezikhalazo kwanokwenza izimangalo;
- ukubonelela ngenkonzo yokhuseleko kwiindibano;
- ukugada imimandla yasekuhlaleni neyamashishini,
- kwanokutshutshiswa kwezaphuli-mthetho;

3.11 ukudala imo yokuqondana nokususa izithintelo ngokwezigaba zeenkcubeko ezahlukeneyo,

3.12 ukusebenzisana kwayo nomsebenzi owenziwa ngamapolisa ngendlela enobuchule nephucukileyo yokuphathisana.

4. UBULUNGU

4.1. Ubulungu beForum buvuleleke nakuyiphi na imibutho namaziko oluntu ngokobume bommandla lowo iSikhululo samaPolisa si.....

4.2. Imibutho kufuneka ifake izicelo zobulungu beForum. Imibutho engamalungu eForum ekwaneenjongo eziyeleleyo okanye ngokwendawo yokusebenza, iya kuhlanganiswa ndawonye kwiqumrhwana eliya kutyumba ummeli nesekela, cya kusoloko enevoti kuzo zonke iintlanganiso, kuqukwa ne-AGM. Umzekelo wemibutho enjalo, ngamaqela olutsha, amaqumrhu azibandakanya nentlalo-ntle / izinto zentlalo njl,njl. Ukuhlanganiswa kwale mibutho ibe ngamaqumrhwana kuya kuthi ngawo onke amaxesha kunikwe ilungelo eliphambili ngabalawuli beForum.

4.3. Ngokwecandelo le-19(3) elikuMthetho weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, Inqaku lama-68 loMthetho ka1995, uMkomishinala weSikhululo nawo onke amalungu abekwa esikhundleni (*alinganiselwa kwisi-5 ubuninzi*) nguMkomishinala weSikhululo aya kuba lilungu leForum yoKhuseleko loLuntu

4.4. IForum iya kuthi ngako konke okusemandleni ayo imele ummandla.

4.5. Akukho mali yabulungu iya kuhlawulwa.

4.6. Umbutho osicelo sawo sobulungu beForum sivunyiweyo ngokwembalelwano, uya kuba nakho ukuvota kwiForum / kwiintlanganiso zamaQumrhwana kuphela emva kokuba lilungu isithuba seenyanga ezintandathu (6) ngexesha lokuba abameli bombutho lowo beyile kwiintlanganiso zikawonkewonke zeForum, de zibe ne ubuncinane iinyanga.

5. AMALUNGELO

Lonke ilungu liya kuba nelungelo-

5.1. lokuthabatha inxaxheba kuyo yonke imisebenzi yeForum.

5.2. lokunyula okanye lokunyulelwa nasiphi na isikhundla kwiForum, iya kuba yimibutho eyintloko ebhalisiweyo kuphela enelungelo lokuvota, kwaye

(imiButho eyiNtloko eBhalisiweyo – umbutho ongunozala weminye osebenza kulo mmandla oko kuthethe ukuthi, iimanyano, imibutho yemidlalo, ubudlelwane babaphathiswa, njl,njl. uya kuthathwa njengombutho ungunozala. Zonke ezinye iimanyano ezibandakanywa phantsi

kwawo aziyi kuvunyelwa ukuba zivote, nangona zinokuthabatha inxaxheba kwimicimbi yeForum.)

5.3. ukufikelela kwiingxelo, iincwadi nemizuzu yazo zonke iintlanganiso.

QAPHELA: amalungelo okuvota kuzo zonke iintlanganiso, kuqukwa neAGM, agunyazisa abameli abasezikhundleni kuphela bemibutho/ amaziko namaqumrhwana abandakanywa phantsi kweminye.

6. IMISEBENZI, IMIMISELO NOXANDUVA LWAMALUNGU

Imisebenzi noxanduva lweForum namalungu ayo aya -

6.1. kwenza imisebenzi elolu hlobo ukuze zibe nokuqatshelwa iinjongo ekubhekiselelwe kuzo kumhlathi wesithathu ongasentla;

6.2. kukhuthaza onke amalungu oluntu namapolisa ukuba athathe inxaxheba kwimisebenzi yeForum;

6.3. kwenza igalelo kwiinkqubo zokhuselo, iimfuno nezona zinto ziphambili;

6.4. kuxhasa iiNjongo eziPhambili zePhondo nezikaZwelonke ngokweeprojekthi kwanangokwezinye iindlela;

6.5. iya kuba yindima kaSihlalo okanye yeBambela ukumema uMkhonishinala weSikhululo kwiintlanganiso zolawulo zamapolisa;

6.6. ukushenxa ekuxhaseni imibono e
6.7. ukuziphatha ngendlela ephucukileyo nenesidima xa ku.....
6.8. ukujongana noxanduva loluntu lwawo;
6.9. ukuzinika imbeko izikhundla zamalungu eNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika;
6.10. ukusebenzisa indlela ecacileyo nethembekileyo xa kusetyenzwa ngemali;
6.11. ukufika ngexesha kwanokubakho rhoqo ezintlanganisweni;
6.12. ukuhlangabezana nemigaqo yentlanganiso, kwanoku
6.13. ukutyeshela ukuthetha gadalala nokunukunezana ngokobuhlanga.

ULAWULO

7.1. IForum ilawulwa yiKomiti eLawulayo, eyonyulwa kwiiNtlanganiso zoNyaka kwaye inala malungu:

7.1.1. uMhlali ngaphambili ongowoluntu (ongaveli kwiSAPS)

7.1.2. usekela mhlali ngaphambili okanye umntu osebenza nomhlali/bahlali ngaphambili (abangengabaSAPS).

7.1.3. Unobhala, ongalilungu leNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika.

7.1.4. Unondyebo (nokuba uvela kuliphi na iqela kula)

7.1.5. Amalungu ongezelelweyo ngokwesigqibo seeforum esagqitywa kwiintlanganiso yonyaka okanye ngokwenjongo ethile elungiselelweyo.

7.2. ukuba umphathi –ofisi weKomiti eLawulayo akakho engaxelanga sizathu sivakalayo/ isingxengxezo esibhaliweyo de kudlule iintlanganiso zolawulo ezintathu, isikhundla sakhe siya kunyulelwa elinye ilungu ngokwenkqubo yonyulo.

7.3. IKomiti eLawulayo inelungeno lokwamkela njengelungu umntu oya-
7.3.1. kusebenza kwikomiti ngokwelo thuba limiswe yiKomiti le;
7.3.2. kuya kwintlanganiso ezithile yekomiti, okanye
7.3.3. athathe inxaxheba akuba enikwe ingqalelo yikomiti ngomcimbi othile kwintlanganiso ethile yekomiti;

QAPHELA: (umntu owamkelwe njengelungu uya kusebenza kwikomiti, ephantsi koqwalaselo okanye azihambe nakanjani iintlangiso zekomiti, anike ingcebiso kwakuba ikho imfuneko, kwaye akavumelekanga ukuba angavota nakweyiphi na intlanganiso yekomiti.)

7.4. IKomiti eLawulayo iya kuqinisekisa ukuba imizuzu nengxelo yazo zonke iintlanganiso igcinwe ngendlela.

8. ULAWULO LWEKOMITI (LUNGAKHO OKANYE LUNGABIKHO)

8.1. IKomiti eLawulayo inokuqalisa ngoxanduva lweKomiti eLawulayo lwemihla yonke yokuqhutywa kweForum enoMkomishinala weSikhululo, usihlalo, nosekela-sihlalo, unobhala namalungu angoonondyebo.
8.2. IKomiti eLawulayo inokuthi ngokokubona kwayo, inyule amalungu eForum.

9. IINTLANGANISO

9.1. IINTLANGANISO ZONYAKA

9.1.1. Iintlanganiso zoNyaka, ezinokuhanjwa naliliphi na ilungu leForum kwanamanye amaqela anomdla aya kuhlanganisana ngo-Oktobha-Novemba rhoqo ngonyaka. Isaziso esibhaliweyo seentsuku ezingamashumi amabini ananye (21) kufuneka sidluliselwe kunobhala.

9.1.2. Iintlanganiso zoNyaka ziya
- kujonga zikwenza iziphakamiso kwiBhodi yeNgingqi ngokwenjongo zeeForum zoKhuseleko loLuntu;
- kkwamkela, zikwaxoxoa zikwazinyulela nengxelo ngomsebenzi weForum wekomiti elawulayo, eya kubandakanya nengxelo kasihlalo kwaneengxelo zemali.
- kuxoxa zikwayila izigqibo ngemicimbi yengingqi ephathelelene neenjongo zenkqubo yokhuseleko loluntu,
- kwanokunyula ikomiti elawulayo njengoko kuxeliweyo kumhlathi wesi-7 apha ngasentla.

9.2. INTLANGANISO YESIKHAWU KAWONKEWONKE

9.2.1. IForum inokuyalela unobhala ukuba abekho kwingxoxo kwanendlela yokulawula imicimbi ethile eya kuqhutywa kwiNtlanganiso yeSikhawu kaWonkewonke.
9.2.2. Unobhala unokucelwa ngokwembalelelwano ngamalungu alishumi (10) ubuncinane eForum, apho ama-50% anokuba ngamalungu angengabo abaphathi-ofisi, abambe iNtlanganiso yeSikhawu kaWonkewonke ukuze kuxoxwe kukwamiswa nomthetho kwimibandela ekhankanyiweyo *ngokwembalelwano* ngamalungu ekubhekiselelwe kuwo.
9.2.3. IziCelo zeNtlanganiso yeSikhawu kaWonkewonke kufuneka zifike kunobhala kwisithuba esingaphantsi kwenyanga enye (1) ngaphambi kokuba kuhlalelwe intlanganiso ekujongwe kuyo. Unobhala uya kuthi ke ngoko awazise amalungu eForum ngentlanganiso elolu hlobo ngaphambi kweentsuku ezingama-21. Izaziso zeNtlanganiso yeSikhawu kaWonkewonke elolu hlobo ziya kucacisa injongo yemibandela ephakanyisiweyo neya kuxukushwa kwintlanganiso apho kungabandakanywa nezaziso ezimalunga namagqabantshintshi kwanokurhoxiswa kwezigqibo ekwakugqitywe ngazo kwiNtlanganiso yoNyaka, okanye kwiNtlanganiso yeSikhawu. Yimicimbi equka I-agenda kuphela eya kuqwalaselwa.

9.2.4. Akukho sigqibo okanye luphawu lolawulo elikhankanyiweyo kumhlathi 9.2.3. olungarhoxiswa okanye luhlonyelwe yile Ntlanganiso yeSikhawu ngaphandle kokuba kufikelelwe kwisininzi esiyi-2/3.

9.3. IINTLANGANISO ZEFORUM

Intlanganiso yesikhawu yonyaka enabameli abasezikhundleni abavela eluntwni okanye imibutho iya kuhlala kube kabini ngekota ukuze I-

9.3.1. Ukuzinyulela amaphulo neenkqubo zeForum.
9.3.2. Ukwamkela nokuthabathela ingqalelo iingxelo ezisuka kwikomiti elawulayo.
9.3.3. Ukuqwalasela nokufezekisa imigaqo nengxelo esuka kwiBhodi yeNgingqi;
9.3.4. Ukwenza izingeniso nokwenza igalelo kwiBhodi yeNgingqi,
9.3.5. Kwanokwamkela iingxelo ezimalunga nemeko yokhuseleko nolwaphulo-mthetho kwiSikhululo .....esikummandla lowo.

9.4. INTLANGANISO YEKOMITI ELAWULAYO

9.4.1. IKomiti eLawulayo yeForum iya kuhlangana ubuncinane kube kanye ngenyanga, kwaye kungangaphezulu kunoko ukuba ikho imfuneko, ukuze ixoxe ikwamisela ulawulo kwimicimbi ephathelele kulawulo lweForum ukuxhobela I-Agenda yentlanganiso kawonkewonke elandelayo...
9.4.2. Zonke izigqibo ezidlulileyo kwi-50% kunye nevoti enye.
9.4.3. Xa kunokwenzeka angabikho usihlalo nokuba kungasizathu sini na kwiNtlanganiso yeKomiti eLawulayo, usekela-sihlalo uya kuyiqhuba ngokwakhe intlanganiso.

10. IKORAM

10.1. INTLANGANISO YONYAKA NENTLANGANISO YESIKHAWU YONYAKA

10.1.1. Ubuncinane ngama-
10.1.2. Ukuba ikoram ayiphumelelanga ukuhlelela intlanganiso emiselweyo, intlanganiso iya kumiselwa elinye ixesha elingangangemizuzu eli-15 ubuncinane, apho iya kuthi emva ngokokuzibonela kwayo amalungu akhoyo, iyiqhube intlanganiso. Nangona Intlangiso yoNyaka inokuqhuba nentlanganiso akuba efikelela kwi-33% amalungu abhalisiweyo azileyo entlanginisweni.

10.2. IINTLANGANISO ZEKOMITI ELAWULAYO

10.2.1. Ubuncinane makabe mane (4) amalungu eKomiti aLawulayo, kuquka unobhala nosihlalo okanye usekele sihlalo oya kuphatha ikoram ngexesha lentlanganiso yeKomiti eLawulayo.

11. IINKQUBO ZENTLANGANISO

11.1.1 IINTLANGANISO ZONYAKA
Le nkqubo ilandelayo kufuneka ibe yinkqubo engohlukaniyo neNtlanganiso yoNyaka:

11.1.1 Ukufunda isaziso ngokwendlela ebibanjwe ngayo intlanganiso.

11.1.2 Ukufundwa nokumiselwa ngokusemthethweni kwe nizuzu yeNtlanganiso yoNyaka yexa elidlulileyo neNtlanganiso yeSikhawu ukuba ngaba zikho iintlaniso ezilolu hlobo ezakha zabanjwa ukususela kwiiNtlanganiso zoNyaka ezazibanjwe kwixesha elidlulileyo.

11.1.3 Ingxoxo ngemivuka yemizuzu ekhankanyiweyo kwigatya u11.1.2.

11.1.4 Ukufundwa nokunikwa ingqalelo kwengxelo kasihlalo kwanengxelo yemali.

11.1.5 Unyulo lweKomiti eLawulayo yeForum.

11.1.6 Ingxoxo nokunikwa ingqalelo kwimiba efakwe kwinkokelo (agenda) ukuze kuxoxwe ngeNtlanganiso yoNyaka njengoko ixeliweyo kumhlathi 9.1.2.

11.2. IMIGAQO NGOKUBANZI

11.2.1. Iintlanganiso ziya kuqhutywa ngokwemigaqo eyamkelekileyo nangokwemisebenzi enxulumene nentlanganiso ngokubanzi.

11.2.2. Kufuneka kubekho inzolo ngeli xesha kuqhutywa intlanganiso, kwaye amalungu akufunekanga eyishiye phakathi ngaphandle kwemvume kasihlalo.

11.3. Amalungu kufuneka alinikwe ngusihlalo iqonga lokuthetha, akuba ezibonakalise ngokuphakamisa izandla.

11.2.4. Ngalo lonke ixesha amalungu xa sukuba enikwe iqonga, kufuneka abhekise kusihlalo xa ethetha. Imicimbi engahambelani nomba lo kuthethwa ngawo kufuneka icezelwe, mayibe ngumba ofuna ukuqwalaselwa kuphela ekunokuthethwa ngawo.

11.2.5. Wakuba umbandela engawo intlanganiso okanye abantu abasentlanganisweni bazisiwe, kuya kulandelwa inkqubo esemthethweni yokwaziswa kwabantu umz. Mnu, Nkskz. Njl,njl.

11.2.6. Xa ilungu liziphatha ngokungafanelekanga entlanganisweni, usihlalo unokulikhupha elo lungu entlanganisweni.

11.2.7. Akukho ziphazamiso ziya kunyamezelwa, noxa ummeli engasiphazamisa isithethi xa kumiselwa ucwangco.

11.2.8. Ngokubhekiselele ekumiselweni kocwangco, iya kuba ngusihlahlo oya kuthabatha isigqibo ngalo mba.

11.2.9. Usihlalo ngokwemvume yentlanganiso onokwenza izihlomelo kwi-agenda yentlanganiso. Amahlumela / amasalela anokwenziwa phambi kokuba iqale ukuhlala intlanganiso.

. ULAWULO LWEMALI

12.1. IForum ingayivula i-akhawunti kwiziko elibhalisiweyo lokugcina imali apho yonke imali efunyanwa yiforum inokulondolozwa khona.

12.2. Iincwadi zemali ezivumelekileyo ziya kugcinwa ngumntu osesikhundleni soko kwaye kufuneka zifumaneke zakuba zifuneka.

12.3. Ingxelo yemali kufuneka isoloko iba khona kwintlanganiso yeForum ebanjwa rhoqho ngenyanga.

12.4. Ingxelo yemali, iincwadi ezingengxelo yemali eziphicothiweyo nohlahlo-mali zakusoloko zisithiwa thaca etafileni rhoqo ngeNtlanganiso yoNyaka.

13. AMAGUNYA NEMISEBENZI YEQUMRHU ELIPHETHEYO

IQumrhu eliPhetheyo leForum xa liqalisa ngomsebenzi walo wokuphatha kufuneka lihambe ngokwala magunya nangokwale misebenzi:

13.1. Iya kuba ngokokubona kwalo, ukuba kudaleke amasetyana eeForum ngokwemimandla khon'ukuze ulawulo lweForum le, lube lolufanelekileyo nolusebenzayo, neliya kuyiphatha imicimbi yayo ngokomgaqo wayo.

13.2. Ukunyula amaqhumrhwana ngokokubona kwalo, ukungqalisa imiba ethile nokuwabela imisebenzi la maqumrhwana nabantu abamkelwe njengamalungu beForum abaya kusebenzela la maqumrhu.

13.3. Ukugcina nokongamela amalungu kwanolawulo lweForum ngokufanelekileyo.

13.4. Ukwamkela, ukuphicotha, ukunika ingqalelo nendlela yokuphatha izikhalazo ngokubhekiselele kwimisebenzi yeForum le.

13.5. Yonke imisebenzi yeQumrhu eliPhetheyo okanye nawaphi na amalungu alo anyanisekileyo ekwenzeni imisebenzi yawo aya kuthathwa njengasebenzela iForum ngokubanzi.

14. IMISEBENZI NAMAGUNYA EQUMRHU ELILAWULAYO

IQumrhu eliLawulayo liya kuthi mihla le, libe negunya lokuphatha imicimbi engxamisekileyo, kwakuba kungekho zigqibo ngokwemibandela yenkqubo eliya kuzinyulela zona eli qumrhu, njengoko iliQumrhu eliPhetheyo kuphela eliya kuzinyulela ezi zigqibo, neziya kuqinisekiswa kwiintlanganiso ezibanjwa rhoqo ngenyanga kungenjalo kwi-AGM.

15. IMISEBENZI KASIHLALO

15.1. Uya kongamela iintlanganiso zeForum.

15.2. Uya kuba lilungu leBhodi yoMmandla ngenxa yesikhundla sakhe, ngaphandle kokuba ummandla lowo ulawulwa ngokwamagunya emimandla ophantsi kwawo / ngamasebe athile. Ngokwale meko, loo mimandla

15.3. Kufuneka ukuba abekhona kwiindibano zeForum nasezintlanganisweni.

15.4. Uya kongamela yonke imisebenzi yeForum ukuqinisekisana nomgaqo nemithetho yenkqubo ekwavunyelwana ngayo yiForum.

15.5. Ukuba anike ingxelo rhoqo kwiBhodi yoMmandla kwanakwiimeko ezahlukileyo zeBhodi yePhondo.

16. IMISEBENZI KANOBHALA

Unobhala unale misebenzi ilandelayo:

16.1. Kukubhala imizuzu ngokweziphakamiso zomgaqo.

16.2. Kukuqokelela kwanokukhuphela iforum imbalelwano .

16.3. Ukwenza izicwangciso zazo zonke iintlanganiso.

16.4. Ukugcina onke abaxwebhu abalulekileyo eForum ngaphandle kwalawo emali, nangaphandle kokuba esi sikhundla akuso sihlanganiswe neso sikanondyebo.

16.5. Ukudlulisa imiyalezo ngokokuyalelwa liQumrhu eliPhetheyo.

16.6. Ukwenza yonke imisebenzi enxulumene ne-ofisi kanobhala.

16.7. Unobhala ngokwamandla esikhundla sakhe, ulilungu lawo onke amaqumrhu namaqumrhwana eForum, nokuba iqumrhu elo lelexeshana okanye liya kuhlala limi, nokuba unyuliwe okanye umiselwe.

17. IMISEBENZI KANONDYEBO

17.1. Unoxanduva lokugcina imali yeForum, kwaye, ekunye namalungu amabini onyuliweyo eForum uya kujongana neengxaki ze-akhawunti yebhanki egameni leForum.

17.2. Uya kugcina iincwadi ze-akhawunti namanye amaxwebhu ayimfuneko nekumele ukuba aveze imeko yemali yeForum.

17.3. Uya kuba liliso kwezeMali akhokele neProjekthi yeKomiti eya kuba kuthi phakathi kwezinye izinto ezenzayo ithwale noxanduva -

- lokusebenza ikwayila izicwangciso zokunyusa ingxowa-mali ngokusemthethweni;
- ukuqalisa, ukucwangcisa nokulungelelanisa zonke iiprojekthi zeForum,
- nokulungiselela uhlahlo-mali lonyaka kwanolwezinye izinto.

18. UBHALISO NOQINISEKISO

17.4. UBHALISO

Zonke iiForum kuya kufuneka zibhalise ukuze zinikwe ingqalelo nguMkhomishinala/ yiBhodi yeNgingqi ukuya kuMkomishinala wePhondo neMEC enoxanduva loKhuseleko noKhuselo. Ukuze zibhalise iiForum kufuneka zihlangabezane nemiqathango yoMgaqo weBhodi yamaPolisa.

18.2. UQINISEKISO
Ngobhaliso, iForum iya kunikwa isiqinisekiso esisayinwe nguMkhomishinala wePhondo kwaneMEC.

18.3. AMAKHADI AZIZAZISI
Abalawuli beCPF ebhalisiweyo baya kunikwa amakhadi azizazisi.

18.3.1. Iya kuba likhadi elinesiginitsha yoMkomishinala weSikhululo eliya kwamkeleka njengesazisi esivumelekileyo.

18.3.2. Igama lelungu lolawulo malibhalwe kwisazizi esi.

18.3.3. Ukwenziwa kwesazisi esisemthethweni kuya kubhaliswa ngokufanelekileyo kwirejista ngokwemizuzu ethatyathwe kwintlanganiso yeForum nolungaphinda lurhoxiswe kwakwintlanganiso elolu hlobo.

18.3.4. Iindleko zala makhadi ezazisi ziya kuhlawulwa yiForum.

19. INKQUBO YEZEMALI

I-MEC ihlangene noMkomishinala wePhondo iya kuyila indlela yokunyusa imali, ukuyisebenzisa kwaneendleko zemali kwimimandla ekwiphondo nakuzwelonke. Le nkqubo iya kubek'umnwe ekubeni iingxelo ezingemali zigcinwa ngendela efanelekileyo kwanokuba iirisithi kwaneencwadi ezibonakalisa inkcitho eyenziweyo ziya kuthiwa thaca etafileni ngokwesicelo. Uvavanyo luya kwenziwa rhoqo kwiiasethi zeForum.

20. INDLELA YOKUZIPHATHA

20.1. IMBULAMBETHE

IForum y ngumbutho woluntu ohlangene namaPolisa, apho amalungu azisebenzela ngokuzithandela engajonge ntlawulo, naye angqinelana ngenjongo efanayo.

20.2 IMITHETHO ESISISEKO

Iinjongo zenkqubo yezohlwayo ku-

a) kuyibeka elubala imiba engesimilo esingamkelekanga samalungu eForum;
b) kuyilawula ngokufanelekileyo imbambano ekwiForum;
c) kuqinisekisa ukuba phambi kwesohlwayo amanyathelo angawo aye athatyathwa-

i) ilungu liya kulinikwa ithuba elaneleyo lokuzithethelela kwaye
ii) zonke iimeko ezinxulumene noku ziphononongwe zaqwalaselwa ngendlela eyiyo ngaphambi kokuba kuthatyathwe isigqibo;

20.2. UKUHLELWA KWEZENZO ZOBUTYALA

20.3.1. Amatyala amakhulu

20.3.1.1. Nasiphi na isenzo esinjongo yaso ikukubhangisa injongo yeForum nokutshabalalisa izixhobo zayo, siya kuthatyathwa njengetyala elikhulu.

20.3.1.2.

a) otshabalalisa isidima seForum, abasebenzi bayo, okanye nezixhobo zayo ngokuthi enze oku kulandelayo:
i) Osengela phantsi iintshukumo zeForum.
ii) Odala uqhekeko kwizikhundla zayo.
iii) Othintela ukuba isebenze ngendlela efanelekileyo.
iv) Owenza nasiphi na isenzo esijongela phantsi ukusebenza kwayo njengeForum.
v) Osebenzisana nomnye umbutho kungenjalo neqela elinobutshaba neenkqubo kwanemithetho-siseko yeForum.
vi) Osebenzisana neqela okanye umntu onqwenela ukutshabalalisa iForum okanye ofuna ukuphuthisa iinjongo zayo.

:.2 Amatyala anobuzaza

20.3.2.1. Naluphi na uphazamiseko lwemithetho-siseko lweForum nemigangatho yemo yokuziphatha esithe safunyanwa kumalungu, esiphazamisa ngokumandla ukhuseleko,izixhobo okanye igama lombutho, kungenjalo othintela ukuba isebenze ngokufanelekileyo, kungenjalo odala okanye owonyelisayo awatyhafise amanye amalungu, uya kuthathwa njengowenza ityala elinobuzaza.

a) Izenzo ezibeka ubomi bamanye amalungu esichengeni de zikhokelele nasekufeni.
b) Oneenjongo zokutshabalalisa izixhobo zombutho okanye ozonakalisayo.
c) Obonakalisa iimpawu zokungathembeki kwizinto ezinxulumene nombutho.
d) Ohambisa iindaba ezingadala ubungozi ekusebenzeni kweCPF.
e) Oyisebenzisa ngokungafanelekanga i-ofisi ngokuthi asebenzise isikhundla somnye umntu ukuze azuze izixhobo okanye inzuzo kumalungu kungenjalo kwabanye abantu ngendlela ezingafanelekanga.
f) Ukulwa okanye ukungaziphathi ngandlela.
g) Ukwenza amatyala amakhulu acaciswa lisebe loBulungisa loLwaphulo-mthetho loMzantsi Afrika.

20.4. <u>ULUHLU LWEZOHLWAYO</u>

4.1. Kukukhalinywa
:0.4.2. Kukurhoxiswa
20.4.3. Kukugxothwa

20.5. <u>IINKQUBO ZOLULEKO</u>

20.5.1. Iqumrhu eliwisa isigwebo
Amalungu oLawulo amabini eBhodi yeNgingqi kunye nabameli abasuka kwi-Ofisi yoMkomishinala weNgingqi baya kuba liqumrhu eligwebayo nakuyiphi na into efuna ululeko.
20.5.2. Ummangalelwa unelungelo lokwenza isibheno malinga naso nasiphi na isityholo abekwa sona kubalawuli beBodi yePhondo.

21. <u>UKULUNGISWA KOMGAQO-SISEKO</u>
Lo Mgaqo-siseko unokulungiswa kuphela ngu:

21.1. nguMkomishinala, emva kokuba edibene neBhodi yePhondo neMEC ibe yiyo enika imvume yazo naziphi na izilungiso kuMgaqo-siseko.

2000-02-18

2000-05-10